# INYATHELO LESIBINI (2):

**Emva kokuba uyigcwalisile ifomu yesicelo:**

- Yingenise kuyo nayiphina iofisi kamasipala engonakekelo labaxumi
- Iifomu namaxwebhu ezicelo angathunyelwa kwenye yezi dilesi ezingeimeyile ezifanelekileyo:

  - Rates.Rebate@capetown.gov.za
  - Indigent.Relief@capetown.gov.za
  - Payment.Arrangements@capetown.gov.za

Ukubhalisela uncedo olungeentlawulo zobuhlali nezenkonzo luyakuthi luqhubekeke ngokusemthethweni isithuba seenyanga ezilishumi elinambini (12). Ngokujoliswe kubahlali abaneminyaka ubudala engamashumi amathandathu (60) nangaphezulu, luyakuthi luqhubekeke iminyaka emithathu kude ibeluQingqomaxabiso ngokuphangaleleyo olulandelayo.

**Ngaphambi kokuba uphinde ufake isicelo, kufuneka uhlawule yonke imali oyityalayo kumasipala.**



## Uncedo lwesaphulelo olujoliswe kwabo badla umhlalaphantsi nabo bafumana isibonelelo esingentlalontle (inkamnkam/igranti)

- Abadla umhlalaphantsi abangama60 nangaphezulu iminyaka ubudala nabo bafumana isibonelelo sezentlalontle abafumana isixamali esingamaR10 000 okanye nangaphantsi, bayakufaneleka ukuba bafumane isaphulelo seentlawulo esili100%.
- Abadla umhlalaphantsi abangama60 nangaphezulu iminyaka ubudala nabo bafumana isibonelelo sezentlalontle abafumana isixamali esingaphezulu kumaR10 001 kodwa esingadlulanga kumaR27 000 ngenyanga, bayakufaneleka ukuba bafumane isaphulelo seentlawulo esiphakathi kwe10% nama90%




**Ukuze ufumane iinkcukacha ezingezinye, ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/socialsupport**

ISIBONELELO SONCEDO KWIINTLAWULO ZOBUHLALI NEZENKONZO

# UNCEDO LUSISINIKEZELO



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Abahlali abafanelekileyo ukuxhamla abaminyaka yokuzalwa nokuba mingaphi na, abanomvuzo ongamaR7 500 okanye nangaphantsi kunoku ngenyanga, bafanelekile ukuba baxhamle isaphulelo se100% kwiintlawulo zobuhlali nakwinkonzo engokuthuthwa kwenkunkuma kwakhona bafumane iinkonzo ezingahlawulelwayo zamanzi ali15kl zeekhilolitha kunye nezogutyulo lwelindle ezizikhilolitha ezili 10,5kl.**



## Ungasifaka isicelo ukuba:

- Ungumnini wekhaya
- Ufumana umvuzo ongamaR7 500 okanye ngeneno ngenyanga
- Ungumhlali osisigxina welo khaya
- Usebenzisa elo khaya kwimibandela engokuhlala kuphela
- Ungumntwana ohlala kwikhaya lomzali wakho ongasekhoyo (owaswelekayo)
- Ufumene indlu ngokwesivumelwano soqhawul'omtshato

## UKUCINYWA KWETYALA

**Ukuba utyala umasipala isixa esithile semali, uyakuthi ufaneleke ukuba ufumane isaphulelo se100% sokucinyelwa ityala elo!**

Ukuze ufaneleke kufuneka ube ufakelele imitha yombane ehlawulelwa ngaphambi kokuba usebenzise umbane.

Ukuba ayifakelwanga imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambi kokuba usetyenziswe umbane, nceda wenze isicelo semvume yokuba ifakelelwe apho sihamba noxwebhu olugcwaliswayo lwesicelo.




## NDISINGENISA KANJANI ISICELO?

### INYATHELO LOKUQALA (1):

**I-imeyile:** Indigent.Relief@capetown.gov.za
Okanye
**Ndwendwela** iofisi kamasipala ekufutshane nawe.

### Amaxwebhu afunekayo:

- Ikopi eqinisekisiweyo yencwadana yesazisi (ikopi ye-ID) okanye ikhadi lesazisi
- Ingxelo eyinkcazelo yasebhankini ephuma kuwo onke amaziko ezimali yesithuba sakalokunje seenyanga ezintathu okanye iafidavithi echazayo ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini
- Ingxelo engebhondi yakho yesithuba sakalokunje seenyanga ezintathu okanye iafidavithi echazayo ukuba akunayo iakhawunti yebhondi
- Ubungqina xa ngaba ufumana isibonelelo sokukhubazeka, isibonelelo sezentlalontle okanye sezomhlalaphantsi
- Ukuba ufumene indlu njengelifa, kokufuneka ikopi yamaxwebhu ongokulilifa
- Ifomu egcwalisiweyo yesicelo esingentlawulo yetyala, apho kufanelekile

### Ukuba uqeshiwe, nceda uquke oku kulandelayo:

- Isiliphu sakalokunje esingomvuzo okanye ileta evela kumqeshi wakho ecacisa ngomvuzo wakho
- Ukuba uziqeshile, kufuneka i-afidavithi efungelweyo ecacisa ukuba ufumana umvuzo ongakanani na ngenyanga

### Ukuba awuqeshwanga, kufuneka unikezele ngeafidavithi efungelweyo, ecacisa ukuba:

- Awuqeshwanga kwaye awunawo umvuzo ongomnye owufumanayo